# GOD'S SIMPLE PLAN OF SALVATION FROM JOHN



## 1. Sonke senze isono.

John 3:19 "Ke kaloku, umgwebo nguwo lo, ukuba ukhanyiso lufikile ehlabathini, baza abantu bathanda ubumnyama ngaphezu kokhanyiso; kuba imisebenzi yabo ingendawo. ."

I John 1:8 Ukuba sithi asinasono, siyazikhohlisa, inyaniso ayikho kuthi.



**Sonke senze isono.**

## 2. Ukufa ngonaphakade kuko esikufumanayo ngenxa yeezono zethu.

John 6:40 "Kuko ke oku ukuthanda kowandithumayo, ukuthi babe nobomi obungunaphakade bonke abambonayo uNyana, bakholwe kuye; ndandiya kubavusa mna ngomhla wokugqibela.."

John 3:18 “Lowo ukholwayo kuye, akagwetywa; ke lowo ungakholwayo, uselegwetyiwe, ngokuba engakholwanga kwigana loNyana okuphela kwamzeleyo uThixo. .”

John 3:36b “…ke lowo ungamviyo uNyana, akayi kubona bomi; ingqumbo kaThixo ihleli phezu kwakhe..”



# 3. UYesu wafa emqamlezweni, efela ityala lethu elisifaneleyo – elikukufa. AbaseKorinte besibini.

John 14:6 “Uthi uYesu kuye, Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi; akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam.

John 3:17 Kuba uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini, ukuze aligwebe ihlabathi; wamthuma ukuze ihlabathi lisindiswe ngaye.

John 1:10,12 “Ube esehlabathini ke; ihlabathi labakho ngaye, ihlabathi alimazanga. Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe;

# 4. Kuphela ungalifumana, ngokholo, ngenxa yenceba nemfesane kaThixo.

ACTS 4:12 Kananjalo usindiso alukho kuwumbi; kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu, linikiweyo phakathi kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo.

EPHESIANS 2:8-9  Kuba nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni, kusisipho sikaThixo;  akuphumi misebenzini, hleze kubekho bani uqhayisayo.

TITUS 3:5  kungengamisebenzi esebulungiseni esayenzayo thina, kungokwenceba yakhe, wasisindisa ngentlambululo yokuzalwa ngokutsha, nangokuhlaziya koMoya oyiNgcwele;

## 5. Luyafumaneka ukuba uyamamkela uYesu Kristu njengomsindisi wakho.

John 5:24   "Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ulivayo ilizwi lam, akholwe ngulowo wandithumayo, unobomi obungunaphakade; akezi ekugwetyweni; uphume ekufeni, wangena ebomini.

John 6:47  "Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum unobomi obungunaphakade. ."

John 10:28   mna ndizinika ubomi obungunaphakade; azisayi kutshabalala naphakade; akukho namnye uya kuzihlutha esandleni sam.



*Ewe lulula! Awusoze ufumane xolelo kuThixo. Awunakuhlawulela uxolelo kuThixo. Kuphela ungalifumana, ngokholo, ngenxa yenceba nemfesane kaThixo. Ukuba ufuna ukwamkela uYesu Kristu njengomsindisi ze ufumane uxolelo kuThixo, nanku umthandazo onokuwuthandaza. Ukwenza lomthandazo nokuba ngowuphi umthandazo soze ukuhlangule. Kuphela kukuthembela kuYesu Kristu okunokukunika uxolelo lwezono. Lomthandazo yindlela elula yokubonisa uThixo ukuba uthembele kuye kwaye uyambulela ngokukunika uxolo.*

**"Thixo ndiyayazi ukuba ndenze isono kuwe kwaye ndifanele kukohlwaywa. Kodwa UYesu Kristu wandithathela isohlwayo sam ngenxa yokholo lwam kuye. Ndibeka ithemba lam losindiso kuye. Ndiyabulela ngenceba yakho emangalisayo kunye noxolelo! Amen!"**

**Amazing Grace Publishing *100 Lakeview Court * Joshua TX 76058 * 817-426-1828 * E-Mail JamesAV@aol.com**